

UCokisa uncedisa ukutyisa iinkukhu umbona noMakhulu. Uziphosela umbona. Iinkukhu zaqhuqha zabaleka.

UMakhulu uthi, “qaphela Cokisa.”



UCokisa uleqa intshontsho. Ufuna ukulifunqula. Liyakroba libaleke.

UMakhulu uthi, “qaphela Cokisa.”



UCokisa uqokelela amaqanda. Uwafaka ngokungakhathali.

UMakhulu uthi, “qaphela Cokisa.”



UCokisa useza ikati ubisi. Ubisi lutshiza yonke indawo!

UMakhulu uthi, “qaphela Cokisa.”



UCokisa uphosela inja uDube ukhuni.
Ngempazamo umbetha ngalo kabuhlungu.

UMakhulu uthi, “qaphela Cokisa.”



UCokisa uvuna iitumato esitiyeni.
Uyazixhuzulu xa ezikhupha.

UMakhulu uthi, “yitsale ngobunono Cokisa.”



UMakhulu ukama iinwele zakhe. Iinwele zakhe zinamaqhina. UMakhulu uyazixhwitha.

UCokisa uthatha ikama aze athi encumile. “Qaphela Makhulu.”